# UNIVERSITY OF FORT HARE

## XHS123F

DEGREE EXAMINATIONS
November 2018

.......................................................................

Time: 3 Hours

Subject; IsiXhosa (Foundation Phase)

Paper: IsiXhosa Literature

Marks : 100

This paper consists of  pages including the cover.

Internal Examiners
Ms. D J Ganto
Dr S S Mdaka

Instructions

Phendula imibuzo ibe Mine.
Phendula ibe Mibini kwicandelo ngalinye
.

XHS123F IsiXhosa Literature
Degree Examinations -November 2018

## ICANDELO A

**Umbuzo 1**

**Umsobomvu: R M Skei**

Dimbaza kulwazi lwakho ngodidi lombongo osisimbambazelo (elegy) wandule ukuxhasa inkcazo yakho ngalo mbongo ulandelayo. Ingxoxo yakho mayibutyhile ubuchule okanye ubuqhitala balo ka-Skei ekubhaleni olu didi lombongo.

*[25]*

### 30. UPROFESA Z S QANGULE

Nisivile n' isithonga sezolo?
Nisivile n' isichotho sezolo?
Uwil' umth' omagqab' ambaxa wakwaPhalo.
Uwil' umth' osiqu singqingqisholo wakwaPhalo,
Umth' ongcambu zinde zibhek' ezantsi,
Umth' oyokozel' iziqham' ezikrebhe-krebhe.
Wawashiy' amaXhos' emaya-mayaza.

Ebeyindoda kwimiDaka yeAfrika,
Irharhasholo kwintetho yesiXhosa,
Irhamncwa kwabadlalisa ngesiXhosa,
Uprofesa ngokubizwa ngabasemfundweni,
USoluncwadi ngokubizwa ngababhali,
UZithobil' unyana kaQangule,
UKhanyisisizwe ngokubizwa yimbongi.

Uwondlil' amaXhos' uGcwanini,
Wawondla, wawondla wada wawakakaza,
Wawashiy' izisu zimaqhuma zibhukuxile,
Wang' uyazi ukuba iintsuku zisangene.
Nasekumkeni akawashiyang' elizeni,
Uwaphawulel' ukuba azisengele
Int' emibel' ibhonxileyo, ikralileyo,
Ukuz' akh'unjulwe nasisizukulwana sesizukulwana.

Ulikhenkethil' elimiweyo njengendoda,
Ufuthelene nazo iintlanga ngeentlanga,
Ayamaz' amaSwazi, uyaziwa ngamaZulu.
Uyaziwa nayiDyunivesi yeloMzantsi Afrika.
Ubuyil' ezizweni isisu sibhukuxile;
Efukuzela esindasindeka lulwazi,
Imvaba iphuphum' ifun' ukuphungulwa.
Wawatyekezel' amaXhosa ukuba nawo akh'angcamle.
A-a Khanyisisizwe!

Ligqekrezil' izulu lagqokroza,
Yatshawuz' imibane yalenyeza,
Yangxaz' imvula eTyhume,
Yatyhutyhumeza yawel' iNciba,
Yaya kuqhin' eNgqamakhwe kuKhothana.
A-a Khanyisisizwe!

Namhl' iAfrika ilahlekelwe
Ngumondli owondla abanezidanga nezidabane,
Naye wonk' onxanelw' ulwazi.
Ingcali, ingcaphephe, ingcungela,
Ingqanga kulwimi lwesiXhosa.
A-a Khanyisisizwe!

Ayahamb' amadoda ahamba mayoyiwana,
Bahamb' ooRubusana nooTiyo Soga,
Bahamba nooJabavu nooJordan.
Naku namhla kulandel' uQangule,
Yaz' ukuba siza kuba ngabakabanin' ezizweni.
Lanciph' inani, aphel' amadoda.
Sode sishiyeke namabhetye-bhetye kusini na Somb.

Wazithatha nganye-nganye kusini n' iintsika zomzi
Ziyephi n' izibhoja kwanezibhongobhiya?
Ayephi n' amagumashiblo, imingqungu kwanoongq
Bayephi n' ooKuphilwaphi, ooMagqabakadliwa
kwanooDubulegeqa?
Pheza Solufefe, pheza Somandla thath' izity' ezibi.

Zonk' izizwe zinamagorh' emfazweni,
Zonk' izizwe zinamakhaliph' esizweni.
Iintsika, amathemba namhla ngogayi.
Xa Usicimel' izibane sakukhanyiselwa yintoni na?
Xa sileleyo sakuvuswa nguban' emaqandeni?
Pheza kwanele Nkosi Mdali.

XHS123F IsiXhosa Literature
Degree Examinations -November 2018

## OKANYE

### 1.2 Umsobomvu: R M Skei

Ngokolwazi lwakho lo mbongo uthi, 'Zamukulungisa' usisimbambazelo (elegy). Zizathu zini nake ngoko ezibangela ukuba lo mbongo kaMxenge uwe phantsi kolo didi? Xa uxhasa uluvo lwakho , phuhlisa ubuchule okanye ubuqhitala bembongi ekusebenziseni iNTETHO YESIHOBE (poetic diction) ekubhaleni olu didi lombongo.

**[25]**

### 21. ZAMUKULUNGISA! (U G M MXENGE)

Ziyothus' izigigaba zeli phakade.
Ziyothus' izimanga zalo mhlab' umagad' ahlabayo;
Kuthi bekuyinzol' izolo namhl' ibeluqhwithelo,
Kuthi bekonwatyiwe kuvel' izililo.

Niyivile n' eyenzek' izolo?
Ubhudlil' umoya kunxweme lweNatala;
Ibizizivondoviya nezaqung' eThekwini,
Zemka nal' ithole lomthonyama lakwaPhalo.

NguMlungisi igama lakhe lenkobe,
NguGriffiths elaseMlungwini,
NguZamukulungisa igama lakhe lembongi,
Ithol' eliduna lakwaMxenge.

Bendikuy' izol' oku ndiye kucel' amancedo,
Wathi zendize namhl' usaxakekile.
Namhla ndiyafik' uMlungis' akaziwa,
Akakh' eofisini nasendlwini ngudukathole.

Kunyukwe kusihliwa kukhangelwa le ndoda,
Wafunyanw' umzimb' umnikaz' egodukile,
Ehlatywe wahlatywa washiyw' ecambalele,
Umzimba selubanda umphefuml' ubalekile.

Zivuse iminyel' izinja zaqwengana,
Zakrwempan' iikati zingxizisa,
Zaxhaph' amagweb' iinkomo zingquzulana,
Yakhony' imiqhag' ixhwithana
"Bam-ge-be-ngi-i-i-i-i-le!"

Amadod' ayixhawul' imikrol' anyolana,
Bagqebhan' abafazi ngamaphini nezikhuni,
Yadl' emntwin' ikomityi kwaChwama,
Yakhonya kwakhona le miqhagi,
"Bam-ge-be-ngi-i-i-i-i-le!"

Lihlokomil' ihlabathi lihlwahlwazela;
Lalila ligix' ezegazi;
Lath' okaMxeng' ibingusoma-lungelo,
Lath' okaMxeng' ibingumakhwekhwetha wegqweth

Ebeyindoda kumadod' eAfrika,
Elithemba kwabanteth' isisiZulu,
Eyimbunguzulu kumaXhos' asemaXhoseni.
Isitya esihle asidleli.

Iyakhal' imiDaka iyantywizisa,
Ithi namhla silahlekelwe.
Esi sikroba siya kuvuleka naphakade,
Uya kuhlal' ehleli kwiimbali zeAfrika.

Uz' uhlale kakuhl' aph' eparadesi,
Ululibale uhambo lwakh' olubi;
Ukushiy' usaph' ungayolelanga,
Ukushiy' amawenu ungawazisanga.

Kambe ke thina nto zaziyo asothukanga nto,
Sith' uhambe ngokwegorh' elizweni.
Wahamba njalo noMsindisi,
Wabethelelw' emnqamlezweni engenatyala.

Sulan' ezo nyembezi mabandl' akowethu,
Sisonke sihambele kweli gada,
Kwamhla wazalw' uMlungusi wayesaz' uSombawo
Ukub' indlel' akh' iyakuz' ibe nje.

XHS123F IsiXhosa Literature
Degree Examinations -November 2018

## Umbuzo 2

**Masibaliselane: Burns-Ncamashe**

Bonisa ubuchule bembongi ekuphuhliseni umxholo walo mbongo. Kwenze oku ngokuphakula kuwo zonke izangotshe ezisebenzisileyo

*[25]*

Aa! Heshangophondo!

Ngugagamel' uGaga engengowakhe
EngowakuloNgonyama wasemNgcangatelweni.
Ngundod' iyakwaz' ukungen' iphelel' ebhekileni,
Ngundod' iyakwaz' ukutshon' itshonel' ebhotileni,
NguNdodiphela igama likayise nonina,
NguHeshangophondo igama lobukhosi bakwaLutshaba,
NguDavidson elokumenyezwa ngabelungu nabelungwazana,
Phantsi kwesifungo soyisemkhulu sasemQwashwini,
Ngumagon' igogogo nebhotile isiqhulo sembongi,
Uqengqelekela kuGqolowa kwaMathole naseRoyal
Ngokufun' imihlonyane neminikandiba yasemlungwini.

Aa! Heshangophondo!
Nguhesha ngesheyi kubantu bakhe
Kub' uhesha ngophondo lweqhude emadodeni,
Kant' uhesha ngondyilo kwababhinq' izikhaka.
Yinkunz' emcondo yaseLenge,
Ingcongcon' ebalek' imigxobhozo yaxwes' induli kaMavuso,
Ingcongolw' emchwisha yakwaNomathotholo.
Aa! Heshangophondo!

Grangqa likhubalo, jiki linempilo,
Thunda sisele mlungwazana!
Nditheth' umntakaZwelibanzi kumaBhel' akwaLutshaba.
Int' eqhubu lisekolweni ngaphambili,
Belifun' ukuya kwelikaRili kwelikamagan' indlezana,
Kulok' eleTshawe lalisesiswini.
Ngunkomo zawel' iTyhume zawel' iXesi,
Zabhijel' uNdoda zawel' uMngqesha,
Zawel' uLwandlana noNkosiyane
Ukuya kucel' isitya kumaNzothwa kwaHleke.

Aa! Heshangophondo!
Aa! Nkosi yabantw' ababi bakwaNkobonkobo:
Kuba bafuya kakubi xa bafuy' iimfene:
Nants' enye yakha yaxak' amadoda kwaNonzwakazi,
Kanti liqegu lomshumayeli.
Aa! Ramncw' elingadli mbilini wankomo:
Kuba lidl' umbilini wenyamakazi kuphela.
Aa! Nkomo zoNgwana noNomathotholo,
Nditsho kuwe sijekul' esal' ukulandelwa;
Kuwe kanye ngotya yendlw' enkulu yakwaLutshaba.
Nditsho kuwe silo saseLenge, ngwana yezixhobo zoThuke
Kuwe kanye gxagx' elinengcondo laseDikeni,
Liya ngokunxanwa kwaMathole emihlonyaneni,
Liya ngokubusa kwaMabandla ese koJingqi,
Liya ngokubizwa kwaSandile phantsi koHoho,
Liya ngokuthunywa kwaNdamase eNyandeni kwaPoto,
Liya ngokurwetywa kwimigodi yamalahle kwelamaTshaka
Liya mhla kwaxhelwa etyalikeni ngamadikoni nabadala,
Liya ngentumekelelo apho kukho inkcoyana nombengwai
Igxagx' elixhongo bade lakwaLutshaba,
ILawu likaZwelibanzi kaSkhephe.
Igxagx' eliphathisw' amaBhele nezizwana ngabelungu,
Kuba linikw' amaGubevu kaNgwabeni, abantu abagqudı liyimboko
Kuba linikw' amaNqana kaNgxesha, abantu abazalana namabu!
Kusenzelw' ukomelez' imikhosi yakwaLutshaba,
Kuba ngamabandl' aphakuphaku,
Kub' agutywa yinkunz' emfene yakwaNkobonkobo,
Iqegu lomshumayeli wakwaNonzwakazi kaMzimba.

Ngathi kwanele mzukulwana kaSiyolo.
Ncincilili.

## ICANDELO B

### Umbuzo 3

**3.1 Amatholeendaba: P T Mtuze**

Zikhethele ibalana olithandayo kule ncwadi wandule ukulihlalutya phantsi kwezi ngongoma zilandelayo:

- Isiqalo
- Isimbo sokubhala (chaphazela ulwimi, izafobe, nezinye izigaba zentetho
- Abalinganiswa
- Umxholo
- Isiphelo

*[25]*

**OKANYE**

**3.1 Amatholeendaba: P T Mtuze**

Khetha ibali libe linye kula  alandelayo ubonise iimpawu zolu didi loncwadi

- "USomali"
- "Zinik' iphepha"

*[25]*

**OKANYE**

### Umbuzo 4

**4.1 UGeme: H.N Mjamba no P.T Mtuze**

Khetha ilivo libe linye elithe nngco kuwe ubonakalise iimpawu ezivunyiweyo zale ndlela zale ndlela yobhalo ncwadi. ubonise ubuchule bombhali ekubhaleni olu did loncwadi:

*[25]*

**OKANYE**

**4.2 UGeme: N. Mjamba no P.T. Mtuze**

Hlalutya ilivo libe linye kula alandelayo:

- "Ukususa ubuthi
- Akasekho uProfesa Gqr. A C Jordan

.	*[25]*